





Province of the EASTERN CAPE

EDUCATION





18 - 22 MAY		GRADE 3
Ukuphulaphula nokuthetha	<p>Kuxoxwa nge powsta ze kuphendulwe imibuzo.</p>  <p>1. Ingaba kukuphi apha? Nika isizathu sempendulo yakho 2. Ungaziva n jani xa ungazifumana ukule meko? 3. Ukuba ubukule nqanawa ubuzakucebisa ukuba nenze n jani? 4. Balisa ngemini owawusengxakini ngayo. Xela ukuba ancedakala okanye nancedakala n jani</p>	DBE Workbook


<p>Isandi rhw, dy</p>	<p>Funda la magama, kwenziwe upelo.</p> <div style="border: 1px solid red; padding: 10px;"> <ol style="list-style-type: none"> 1. irhwaqele 2. idyasi 3. dyobha 4. urhwaphilizo 5. Rhweqane 6. dyulukudu 7. udyakalashi 8. iyarhwexa 9. dyumpu 10. iyadyudyuza </div>	<p>Uluhlu lwamagama anesandi rhw no dy</p>
---------------------------	---	--

<p>Ukubhala ngesandla</p>	<p>Bhala phezu kwala machaphaza uze ugqibezele le phethini:</p> 	<p>Ikhadi elibonisa ukubhala ngesandla.</p>
-------------------------------	--	---

Ukubhala	<p>1. Sebenzisa la magama ukwakha uze ubhale izivakalisi.</p> <ol style="list-style-type: none">1. iyarhwexa2. idyasi3. ebhulorhweni4. dyobha <p>2. Phendula imibuzo yebali le DBE iphepha 124, uze ubhale iimpindulo encwadini.</p> <ol style="list-style-type: none">1. Ngoobani abalinganiswa kweli bali?2. Wangenela ntoni utatomkhulu uSam elwandle?3. UZakes wamshiyela ntoni utatomkhulu uSam?4. Wabuya njani utatomkhulu uSam ukuza elunxwemeni?	Amakhadi okulandelelanisa ibali.
----------	--	----------------------------------

3. Landelelanisa iziganeko zebali ngokubhala inombolo l ukuya ku 7 ecaleni komf anekiso ngamnye. Umzekelo, isiganeko esenzeke kuq ala uzakubhala l, kwesilandeleyo ubhale 2 n jalo n jalo.

Isiganeko ngokwasebalini	Inombolo
	
	
	
	



4. Landelelanisa ibali ngokwendlela obeke ngayo iinombolo zemifanekiso, ubhale izivakalisi. Umzekelo. Kumfanekiso obhale kuwo nombolo 1, uzakubhala ukuba ngokwasebalini, kwenzeka ntoni.

	Isivakalisi ngokwasebalini esihambelana nomfanekiso ubeke kuwo inombolo.
1.	
2.	
3.	
4.	
5.	
6.	
7.	

Fundisa ibali	
Ukufunda	<h2 style="margin: 0;">Ukuntywila elwandle</h2> <p>Mhla ndasindiswa lihlengesisi. Ngokuya babesebancinci, utatomkhulu uSam nomhlobo wakhe uZakes babeye bantywilele ezantsi elwandle. Kwakukho umkhumbi omdala abafika kuwo ezantsi elwandle. Bafumana igolide entle nesilivere kulo mkhumbi. Wayesithi utatomkhulu uSam xa engena ngaphantsi kwamanzi anxibe isuti yakhe ebizwa ngokuba yisuti yamanzi. Wayekhusela ngayo umzimba wakhe. Wayephethe netanki leoksi jini ukuze akwazi ukuphefumla.</p> <p>Ngenye imini utatomkhulu uSam wayefuna ukuya emkhumbini, kodwa uZakes wathi, "Hayi asingeni elwandle namhlanje. Kukho isichotho esikhulu esizayo." "Kodwa ndibone igolide enkulu entle. Ndifuna ukubuya nayo. Siza kuba nemali eninzi xa sijifumene," watsho utatomkhulu uSam. "Kodwa isichotho siza kufika emizuzwini elishumi elinesihlanu. Yingozi leyo," walumkisa uZakes. Kodwa utatomkhulu uSam wangena ngaphantsi kwamanzi ngeli xesha uZakes asesikhepheni. Utatomkhulu uSam wafumana ityathanga kodwa akakwazi ukulikhulula. Walitsala, walitsala ngeminwe lade lakhululeka. Wancipha umoya etankini lakhe lomoya. Wantywila wabuya eliphethe ityathanga. UZakes wayesemshiyile. Sasesifikile isichotho esikhulu.</p> <p>Utatomkhulu uSam walibamba waliqinisa ityathanga lakhe wantywila. Amaza aba makhulu kakhulu afuna ukumoyisa. Wabona ukuba uza kutshona. Lalisinda ityathanga neengalo zakhe zazisoyisakala kukudinwa. Walilahla. "Ncedani, ncedani bantu! Ndincedeni!" wakhwaza kodwa kwakungekho mntu umvayo. Weva</p>

ilizwi elimnandi. Yayilizwi lehlengesi. Lantywila laya kuye utatomkhulu uSam. Wabambelela ephikweni lalo. Lamthatha lambuyisela elunxwemeni. Akuba esindile utatomkhulu uSam ihlengesi lahamba labuyela emva. "Ndiyabulela ngokusindisa ubomi bam," wakhwaza utatomkhulu uSam ebulela.